UAirbnb Ngoku Ufumaneka Ngeelwimi Ezininzi Ngokuphindwe Kabini

UAirbnb yeyona makethi enkulu kwi-intanethi yeendawo zokuhlala neyezinto onokuzonwabela ezisemgangathweni, ineendawo zokuhlala ezingaphezu kwe-7 miliyoni kunye nezinto eziyi-40 000 ezenziwe ngezandla, zonke ziququzelelwa ngababuki zindwendwe basekuhlaleni. Zimalunga nesithandathu iindwendwe ezihlala kwizindlu ezikuAirbnb mzuzwana ngamnye. Ibe le nto yenzeka emhlabeni wonke: Ngo-2011, beziyi-12 izixeko ezinezindlu ezingaphezu kwe-1 000 ezikuAirbnb; namhlanje, zimalunga ne-1 000 izixeko ezinezindlu ezingaphezu kwe-1 000 ezikuAirbnb. Ngokufanayo, ngo-2011 sinye kuphela isixeko esiye saba neendwendwe ezingaphezu kwe-100 000 kwizindlu ezikuAirbnb, kodwa kunyaka ophelileyo, beziqabele ngaphaya kuka-300 izixeko ezibe neendwendwe ezingaphezu kwe-100 000.

Ngoxa uAirbnb sele esetyenziswa kumazwe nemimandla engaphezu kwe-191 emhlabeni wonke, siqhubeka siyenza iwebhusayithi yethu nee-app zethu zifikelele kubantu abaninzi ngakumbi. Ukusuka kwisi-Albania ukuya kwisiZulu, sifuna wonke umntu azive amkelekile kuAirbnb, nokuba uthetha oluphi ulwimi.

Namhlanje, siliphinda kabini inani leelwimi ababuki zindwendwe kunye neendwendwe ezinokuzisebenzisa kuAirbnb. Ngoku ekubeni ixhasa iilwimi eziyi-62 emhlabeni wonke, iwebhusayithi ne-app yakwa-Airbnb ifikeleleka kubantu abangaphezu kweebhiliyoni eziyi-4 ngeelwimi zabo[1]. Ngezi lwimi zintsha, sivula amathuba okuba ababuki zindwendwe abangakumbi bakwazi ukwenza imali, kwaye senza kube lula ukuba iindwendwe ezingakumbi zikwazi ukuhambela iindawo zasekuhlaleni ezisemgangathweni nezikhethekileyo.

Nazi iilwimi eziyi-31 ezintsha afumaneka ngazo ngoku uAirbnb:

1. Isi-Albania (e-Albania)
2. Isi-Armenia (e-Armenia)
3. Isi-Azeri (e-Azerbaijan)
4. Isi-Bosnia (e-Bosnia)
5. Isi-Bulgaria (e-Bulgaria)
6. Isi-Estonia (e-Estonia)
7. IsiFrentshi (e-Khanada)
8. Isi-Georgia (e-Georgia)
9. Isi-Hindi (e-Indiya)
10. Isi-Irish (e-Ireland)
11. Isi-Latvia (e-Latvia)
12. Isi-Lithuania (e-Lithuania)
13. Isi-Makedoni (eMntla Makedoni)
14. Isi-Malta (e-Malta)
15. Isi-Montenegrin (e-Montenegro)
16. IsiNgesi (e-Ostreliya)

---

[1] Ethnologue.com, Oktobha 2019. Ezi lwimi ziyi-62 afumaneka ngazo ngoku uAirbnb zithethwa ngabantu bomthonyama abayi-4 bhiliyoni. Inani elipheleleyo labantu esiza kubafikelela ngolwimi lwabo ngezilwimi ziyi-62 ngu-4.3 bhiliyoni. (i-3.3 bhiliyoni zezi lwimi sele zikhona ziyi-31, kunye ne-1 bhiliyoni yezi lwimi zintsha ziyi-31 sizikhululayo ngoku.)

17. IsiNgesi (e-Khanada)
18. IsiNgesi (e-United Kingdom)
19. Isi-Romania (e-Romania)
20. Isi-Serbia (e-Serbia)
21. Isi-Slovak (e-Slovakia)
22. Isi-Slovenia (e-Slovenia)
23. I-Spanish (e-Argentina)
24. I-Spanish (e-Latin America)
25. IsiSwahili (eAfrika)
26. Isi-Tagalog (kwii-Philippines)
27. IsiTshayina Esiqhelekileyo (e-Hong Kong SAR)
28. Isi-Ukraine (e-Ukraine)
29. Isi-Vietnamese (e-Vietnam)
30. IsiXhosa (eMzantsi Afrika)
31. IsiZulu (eMzantsi Afrika)

Kubabuki zindwendwe kunye neendwendwe zethu ezisebenzisa iwebhusayithi okanye i-app yakwa-Airbnb, kulula ukutshintshela kulwimi olutsha. Kwikhompyutha, cofa apha ukuze ukhethe ulwimi. Ii-app zethu zisebenzisa ulwimi olukhethwe kwiisethingi zefowuni. Ukuze ulutshintshe, ungasuka nje uye kwiisethingi zefowuni yakho uze ulutshintshele kolunye lweelwimi zasekuhlaleni ezikhoyo apho.